

NAL'IBALI

KHUTHAZEKA UKUFUNDA!

Sigazi ukuba ukufunda iincwadi ezininzi kunceda ukwenza ukuba abantwana babe ngabafundi abangcono. Ukuba sifuna abantwana bethu bafunde baze baqhubekeke befunda, kuluncedo ngokwenene ukuqonda ukuba yintoni ebakhuthaza ukuba bafunde. Nantsi into eyathethwa ngabanye abantwana abaminyaka ili-9 neli-10 ngeencwadi nokufunda.

MOTIVATED TO READ!

We know that reading lots of books helps to make children better readers. If we want to get our children reading and then keep them reading, it's really helpful to understand what motivates them to read. Here is what some children aged 9 and 10 had to say about books and reading.

ABANTWANA BATHE

... banokufunda ngakumbi iincwadi abazikhethele yona kunencwadi abayikethelwe ngutitshala okanye umzali.

... they were more likely to read a book that they had chosen themselves than a book chosen for them by a teacher or parent.

... bathande iincwadi ezihambelana nomdla wabo.
... they liked books that matched their interests.

... amathala eencwadi abanika iithuba lokujonga iincwadi ezininzi ezahlukeneyo phambi kokuba bakhethe ezi abafuna ukuzifunda.

... libraries gave them the opportunity to look at lots of different books before choosing the ones they wanted to read.

... banokukhethe ngakumbi iincwadi ezinamaqweqwe angaphandle anika umdla noyilo oluzele intshukumo, ezonwabisa okanye ezoyikisa okanye ezinemifanekiso emihle.

... they were more likely to choose books that have exciting covers and action-packed plots, are funny or scary or have great illustrations.

... uninzi lweencwadi abazifundileyo luvela kwithala leencwadi.
... most of the books they read came from a library.

... umdla wabo ekufundeni uphenjelelwa kwaye ukhuthazwe ngamalungu osapho (ngakumbi oomama babo), ootitshala nabahlobo.

... their interest in reading was sparked and encouraged by their family members (especially their mothers), teachers and friends.

Sidinga ukuba senze ntoni?

- ☒ Qinisekisa ukuba abantwana bethu bayafikelela kwiincwadi ezininzi ezahlukeneyo namabali. Mabazibandakanye neklabhu yokufunda okanye usungule eyakho.
- ☒ Yisa abantwana bakho kwithala leencwadi yaye, xa unakho, ubathengele iincwadi.
- ☒ Mabazikhethele ezabo iincwadi.
- ☒ Thetha nabantwana bakho ngeencwadi yaye ubafunde, nokuba babudala bungakanani na.
- ☒ Bakhuthaze ukuba bathethe nabanye abantwana ngeencwadi.

What do we need to do?

- ☒ Make sure that your children have access to lots of different books and stories. Let your children join a reading club or start one of your own.
- ☒ Take your children to the library and, when you can, buy books for them.
- ☒ Let them choose their own books.
- ☒ Speak to your children about books and read to them, no matter their age.
- ☒ Encourage them to speak to other children about books.

NIKELA & YABELANA NGEENCWADI

Ukuba uneencwadi ongasazifuniyo, kutheni unganikeli ngazo esikolweni, kwithala leencwadi okanye kwiqela lokufunda nje? Usenokutshintshiselana nabahlobo kunye namalungu osapho okanye ubolekise ngazo emntwini ongathanda ukufunda iincwadi enika umdla.

DONATE & SHARE BOOKS

If you have books that you no longer read, why not donate them to a school, library or reading club? You can also swap books with friends and family members or lend one to someone who would like to have an interesting book to read.



Drive your
imagination

donations



IT STARTS WITH
A STORY.
KONKE KUQALA
NGEBALI.



Imbewu yeLitherasi!

Funda ukudlala, dlala ukuze ufunde

Literacy Seeds!

Learn to play, play to learn

Bazali nabagcini babantwana abancinane abathandekayo, ngokudlala imidlalo “yokwenza ngathi”, abantwana bethu bafunda ukusebenzisa iisimboli. Oku kuthetha ukuba bafunda indlela yokusebenzisa into ukumela enye. Umzekelo, umntwana wakho angenza ngathi imoto yokudlala yifowuni okanye ibhokisi yezihlangu yibhasi. Ezincwadini, amagama ziisimboli. Amele iingcinga zethu nezimvo. Ngokudlala imidlalo “yokwenza ngathi”, abantwana bethu baphuhlisa ingqiqo yeesimboli efunekayo ekufundeni ukufunda.

Dear parents and caregivers of young children, by playing “pretend” games, our children learn to use symbols. This means that they learn how to use one thing to represent something else. For example: your child may pretend a toy car is a phone or a shoe box is a bus. In books, words are symbols. They stand for our thoughts and ideas. Through playing “pretend” games, our children develop an understanding of symbols, which is essential for learning to read.



Nazi ezinye iindlela onokukhuthaza abantwana ukudlala “ukwenza ngathi.”

✿ **Zibandakanye.** Buza ukuba ungangumdlali na kumdlalo womntwana wakho wandule ungenelele emdlalweni. Yihla uye kumgangatho wabo ngokuhlala phantsi emgangathweni okanye kwisitulo esifutshane. Oku kuza kukunceda ukuba uqhagamshelane nabo.

✿ **Bukela uze ulandele.** Khupha izinto zokudlala ezinokusetyenziswa kumdlalo “wokwenza ngathi” uze ubone ukuba yintoni etsala umdla womntwana wakho. Dlala umdlalo “wokwenza ngathi” umntwana wakho akhetha ukuwudlala. Abantwana bayakhuthazeka ngakumbi kukudlala nawe xa ulandela inkokelo yabo.

✿ **Nikanani amathuba.** Ngamanye amaxesha xa kudlalwa, kulula kuthi ukuva ngathi sidinga ukuthatha indawo yokukhokela sibabonise into amabayenze. Endaweni yoko, yenza into ngethoyi onayo, uze ulinde kancinci ukuze umntwana wakho enze into ngeyakhe ithoyi.

✿ **Funda ngokuvakalayo.** Amabali anikeza abantwana izimvo ezininzi ngabadlali, isimo neemeko abanokuzisebenzisa kumdlalo wabo “wokwenza ngathi.”



Here are some ways you can encourage your children’s “pretend” play.

✿ **Join in.** Ask if you can be a character in your children’s game and then join in the game. Get down to their level by sitting on the floor or on a low chair. This will help you to connect with them.

✿ **Watch and follow.** Try putting out some toys that could be used for “pretend” play and see what catches your child’s interest. Play the “pretend” game that your child chooses to play. Children are more motivated to play with you when you follow their lead.

✿ **Take turns.** Sometimes during play, it’s easy for us to feel like we need to take over and show them what to do. Rather, do something with the toy you have, then wait a while so that your child can do something with his toy.

✿ **Read aloud.** Stories offer children an endless supply of ideas for characters, settings and situations that they can use in their “pretend” play.



Drive your imagination

Uhambo lokufunda

Ukufunda ukufunda luhambo lokuzifumana. Usenokuqaphela ukuba umntwana wakho owayeqhele ukubaleka xa wawuzama ukumfundela, ngoku unencwadi yemifanekiso afuna umfundele uphindaphinde! Okanye mhlawumbi umntwana wakho omdadlana wenza ngathi uyafunda kwincwadi yemifanekiso eqhelekileyo. Ukuba ufunda nomntwana wakho rhoqo, uya kuqaphela ukuba indlela esisiqhelo afunda ngayo iyatshintsha njengokuba ixesha lihamba.

The reading journey

Learning to read is a journey of discovery. You may notice that your child who used to run off when you tried to read to them, now has a favourite picture book that they want you to read over and over again! Or maybe your older child pretends to read from a familiar picture book. If you read with your children regularly, you will notice that their reading habits change over time.

- ★ Iintsana zinokuthi cwaka xa uqalisa ukuzifundela incwadi, zibonisa ukuba zimamele, yaye ngamanye amaxesha ziza kuqhweba izandla okanye zikhabakhabe ukubonisa uchulumanco lwazo.
- ★ Njengoko abantwana bezama "ukufunda" ngokunokwabo, bakholisa ngokuphethula amaphepha encwadi, bajonge imifanekiso logama bezenzela elabo ibali.
- ★ Ingaba zikhona iincwadi zemabali abantwana bakho abacela ukuba ubafundele uphindaphinde? Unokufumana abantwana bakho "bezifunda" ezi ncwadi ngokunokwabo ngokujonga imifanekiso bebalisa ibali. Basenokusebenzisa umxube wamagama abo namanye amagama okwenene asebalini. Eli linyathelo elibalulekileyo ekufundeni ukufunda kuba kuthetha ukuba abantwana bayaqaphela ukuba amagama abhaliweyo ahlala engatshintshanga ngexesha ngalinye uwafunda.
- ★ Njengoko abantwana beqalisa ukuzifundela ngokuvakalayo, unokuqaphela ukuba bazama ukuqashela ukuba igama lithini ngokucinga ngento esele yenzekile ebalini. Okanye basenokusebenzisa imifanekiso ukubanika imikhondo ngokuba linokuba lithetha ntoni igama elingaqhelekanga. Le yimiqondiso ecacileyo yokuba abantwana bakho basendleleni yokuba ngabafundi abazimeleyo.

- ★ Babies may become quiet when you start to read a book to them, showing that they are listening, and sometimes they will clap or kick to show their excitement.
- ★ As children start to try to "read" on their own, they often turn the pages of the book, looking at the pictures while they make up their own story.
- ★ Are there some storybooks that your children ask you to read again and again? You may find your children "reading" these books on their own by looking at the pictures and telling the story. They may use a mixture of their own words and some of the actual words from the story. This is an important step in learning to read because it means that children realise that written words stay the same each time you read them.
- ★ As children begin to read aloud for themselves, you may notice that they try to guess what a word is by thinking about what has already happened in the story. Or they may use the pictures to give them clues about what the unfamiliar word might be. These are clear signs that your children are well on their way to becoming independent readers.

Indlela yokusebenzisa amabali ethu ngeendlela ezahlukeneyo

1. **Balisela umntwana wakho ibali.** Lifunde ibali uze uziqhelanise nokulibalisa. Emva koko sebenzisa ilizwi, ubuso nomzimba wakho ukuze ubenze baphile abalinganiswa belo bali.
2. **Mfundele ibali umntwana wakho.** Ncokolani ngemifanekiso. Buza, "Ucinga ukuba kuza kwenzeka ntoni emva kwale?" okanye "Ucinga ukuba kutheni lo mlinganiswa eye wathetha okanye wenza le nto?"
3. **Funda ibali kunye nomntwana wakho.** Tshintshisanani ngokufunda ibali. Ungamlungisi xa ephazamile, uze umncede kuphela xa ekucelile.
4. **Mamela umntwana wakho xa efunda.** Mamela ungamphazamisi. Mxelele ukuba uyakuthanda ukummamela xa ekufundela ngokuvakalayo.
5. **Yenzani imisebenzi ekwindawo ethi Yenza ibali linike umdla!** Ukwenza ezo zinto nabantwana bakho kuza kuba mnandi kuwe nakubo.

How to use our stories in different ways

1. **Tell the story to your child.** Read and practise telling the story. Then use your voice, face and body to bring the story to life.
2. **Read the story to your child.** Talk about the pictures. Ask, "What do you think happens next?" or "Why do you think the character said or did that?"
3. **Read the story with your child.** Take turns to read the story together. Don't correct their mistakes, and only help if they ask for it.
4. **Listen to your child read.** Listen without interrupting. Say that you enjoy hearing them read aloud to you.
5. **Do the Get story active! activities.** This should be fun for you and your child.



Drive your imagination

Iindaba zakwaNal'ibali

Nal'ibali News

Likona zokufunda zizisa ulonwabo kubantwana ezibhedlela

USibongiseni Blose ngumNxibelelanisi weeNkqubo zikaNal'ibali zikaZwelonke ohlala KwaZulu-Natal. Ngonyaka wama-2022, uSibongiseni waphenjelelwa ukudala iikona zokufunda ezibhedlela. Wayesazi ukuba ikona yokufunda yayingayinto engaphezulu kwesiphazamiso nje. Yayiza kunika abantwana indawo yokuba basebenzise imifanekiso-ngqondweni yabo, babalekele kumazwe amatsha baze bafumane intuthuzelo ngexesha lokuhlala kwabo esibhedlela.



USibongiseni Blose, uvulindlela weekona zokufunda esibhedlela.

Sibongiseni Blose, pioneer of hospital reading corners.

Reading corners bring joy to children in hospitals

Sibongiseni Blose is Nal'ibali's National Programmes Coordinator and is based in KwaZulu-Natal. In 2022, Sibongiseni was inspired to create reading corners in children's hospitals. She knew that a reading corner could be more than just a distraction. It would provide a space for children to engage their imaginations, escape into new worlds and find some comfort during their hospital stay.

1.

Yintoni eyaphembelela uluvo lokubeka iikona zokufunda ezibhedlela?

Ndingumntwana, ndachitha iinyanga ezintandathu esibhedlela, ndahlukanisiwe kusapho lwam nobomi endandibazi. Ngelo xesha, ootitshala abakhathalayo babeghuba iiklasi yaye besenza ixesha lokufunda libe luhambo olonwabisa yodelo-ngozi olunomtsalane. Ukuzimisela kwabo kwandinceda ukuba ndilibale intlungu eyayisenziwa yimeko yam yaye begcina ingqondo yam isebenza. La mava zange andincede nje ngokweemvakalelo kodwa andivumela ukuba ndingasali ezifundweni, yaye ndathi ndisakukhululwa esibhedlela, ndaba nakho ukudlulela kwigreyidi elandelayo.



"Kumalunga nokunika abantwana abasezibhedlela ithuba lokufumana ulonwabo nobomi besiqhelo, ukubanceda ngexesha lokuhlala kwabo esibhedlela ngethemba nenkxaso ezifana nendaba nethamsanqa lokuzifumana."

"It's about giving children in hospitals a chance to experience joy and normality, helping them through their hospital stay with the same hope and support I was lucky enough to receive."

1.

What sparked the idea of placing reading corners in hospitals?

As a child, I spent six months in hospital, separated from my family and the life I knew. During that time, caring educators held classes and made reading time a fun and engaging adventure. Their enthusiasm helped me to forget the pain caused by my condition and kept my mind active. This experience not only helped me emotionally but also allowed me to keep up with my studies, and when I was discharged, I was able to move on to the next school grade.

2.

Zasungulwa nini iikona zokufunda yaye kwezphi izibhedlela?

Ikona yokuqala yokufunda yamiselwa eSibhedlela iPrince Mshiyeni Memorial ngonyaka wama-2022. Emva koko, ndenza iikona zokufunda eZibhedlela iWentworth, iKing Edward, iSt Aidan neAddington. Ndichulumance kakhulu kukuqoka nezinye izibhedlela!



Iikona zokuFunda zikaNal'ibali zinika abantwana ithuba lokuzibandakanya neencwadi, ukufunda nokuziva bekhathalelwe.

Nal'ibali Reading Corners give children a chance to engage with books, learn and feel cared for.

2.

When were the first reading corners started and in which hospitals?


The first reading corner was established at Prince Mshiyeni Memorial Hospital in 2022. After that, I set up reading corners at Wentworth Hospital, King Edward Hospital, St. Aidan's Hospital and Addington Hospital. I'm so excited about including more hospitals!



(Liqhuba kwiphepha 13)
(Continued on page 13)

Yandisa ithala lakho leencwadi. Zenzele iincwadi EZIMBINI onokuzisika-ze-uzigcine

1. Khupha iphepha lesi-5 ukuya kwele-12 kolu hlelo.
2. Uxwebhu olunamaphepha aqala kwelesi-5, elesi-6, ele-11 nele-12 lwenza incwadi yokuqala. Uxwebhu olunamaphepha aqala kwelesi-7, 8, 9 nele-10 lwenza eyesibini incwadi.
3. Sebenzisa uxwebhu ngalunye kula mabini ukwenza incwadana. Landela imiyalelo engezantsi ukwenza incwadi nganye.
 - a) Songa uxwebhu phakathi kumgca wamachaphaza amnyama.
 - b) Phinda ulusonge phakathi kwakhona ulandela umgca wamachaphaza aluhlaza.
 - c) Sika ke ngoku ulandela imigca yamachaphaza abomvu.



Grow your own library. Create TWO cut-out-and-keep books

1. Take out pages 5 to 12 of this supplement.
2. The sheet with pages 5, 6, 11 and 12 on it makes up one book. The sheet with pages 7, 8, 9 and 10 on it makes up the other book.
3. Use each of the sheets to make a book. Follow the instructions below to make each book.
 - a) Fold the sheet in half along the black dotted line.
 - b) Fold it in half again along the green dotted line.
 - c) Cut along the red dotted lines.



Drive your
imagination



Get story active!

- ★ Copy your favourite part of the story on a sheet of paper. Write down what is happening in that part of the story. Add speech or thought bubbles and write down what the characters are saying or thinking.
- ★ Use cardboard, glue and crayons to make a shongololo. Cut out cardboard circles, then glue them onto each other to make a shongololo.



Yenza ibali linike umdla!

- ★ Kopela kuxwebhu lwephepha eyona ndawo uyithandayo ebalini. Bhala phantsi ukuba kwenzeka ntoni kuloo ndawo yebali. Yongeza amaqam entetho okanye eengcinga uze ubhale phantsi into abalinganiswa abayithethayo okanye abayicingayo.
- ★ Sebenzisa ikhadibhodi, iglu neekhrayoni ukwenza isongololo. Sika ukhuphe izangqa zekhadibhodi, wandule ukuncamathisela esinye kwesinye ukwenza isongololo.

Nal'ibali is a national reading-for-enjoyment campaign to spark and embed a culture of reading across South Africa. For more information, visit www.nalibali.org.



UNal'ibali liphulo likazwelonke lokufundela ukuzonwabisa elinjongo yalo ikukuvuselela nokwendiselisa inkcubeko nesithethe sokufunda kuMzantsi Afrika uphela. Ukuze ufumane iinkcukacha ezithe vetshe, ndwendwela ku-www.nalibali.org.



Drive your
imagination

Shongololo





Shongololo

Matthew Griffiths • Tumisang Shongwe
Sarah McGregor • Stefania Origgi

Ideas to talk about: Do you know another name for a shongololo? When you watch a shongololo crawl, does it remind you of something else that moves in a similar way? What other insects, worms or bugs do you find interesting?

Iimbono eninokuthetha ngazo: Unalo elinye igama olaziyo lesongololo? Xa ubukele isongololo lihubuluza, ingaba linanto yimbi likukhumbuza yona ehamba ngendlela efanayo? Zeziphi ezinye izilwanyana, imibungu okanye iincukuthu ozifumana zinomdla?





I moved like a snake and slipped in
beside her in the crowd. I smiled at
the little girl and tickled her leg and
she giggled happily on her mother's
hip. My hand slid easily into the folds
of her mother's skirt. I found the
small bundle of money. One quick
movement and it was in my pocket.

Ndanyubeleza njengeniyoka ndaya
kuma ecaleni kwayo kweso sikhwele.
Ndancumela intombazanana
ndayinyumbaza emlenzeni yaze
yawuthi qhiwu ngovuyo phezu
kwehleza likanina. Tsandla sam
sangena lula kwimigobo yesiketi
sikanina. Ndalitfumana iqhuma lemali.
Kwaba yintshukumo enye kuphela
yabe imali seyisepokothweni yam.

HEARTLINES
The Centre for Values Promotion



For more information, please email info@heartlines.org.za
or phone (011) 771 2540.

Ngolwazi oluthe vetshe, bhalela kwi-imeyili ethi-info@heartlines.org.za
okanye utsalele umnxeba kule nombolo (011) 771 2540.

Get story active!

- ★ Has someone ever taken something that belongs to you? How did it make you feel?
- ★ Why do you think people steal things? Do you think it is ever okay to steal? Why or why not?
- ★ Is it always easy to do the right thing? Explain your opinion.
- ★ Imagine that the boy from the story keeps a diary in which he writes down what happens each day, as well as his thoughts and his feelings. Why not try to write his diary entry for the day in the story?

Yenza ibali linike umdla!

- ★ Ingaba ukhona umntu owakha wathatha into yakho? Yakwenza waziva njani loo nto?
- ★ Ucinga ukuba kutheni abantu besiba izinto? Ucinga ukuba kukhe kulunge ukuba? Ngoba kutheni okanye kutheni kungenjalo?
- ★ Ingaba kusoloko kulula ukwenza into elungileyo? Chaza uluvo lwakho.
- ★ Yiba nomfanekiso ngqondweni ukuba inkwenkwe esebalini igcina idayari aphi ibhala phantsi okwenzekayo ngosuku ngalunye, ngokunjalo neengcinga neemvakalelo zayo. Kutheni ungazami ubhale kwidayari yakhe ngosuku olusebalini?

Nal'ibali is a national reading-for-enjoyment campaign to spark and embed a culture of reading across South Africa. For more information, visit www.nalibali.org.



UNal'ibali liphulo likazwelonke lokufundela ukuzonwabisa elinjongo yalo ikukuvuselela nokwendeliselisa inkcubeko nesithethe sokufunda kuMzantsi Afrika uphela. Ukuze ufumane iinkcukacha ezithe vetshe, ndwendwela ku-www.nalibali.org.



Drive your
imagination

I am the man




Ndiyindoda

Bridget Krone • Lois Neethling

Ideas to talk about: What do you think the title, *I am the man*, means? What makes you feel proud of yourself? What can girls say to show that they are proud of themselves?

Iimbono eninokuthetha ngazo: Ucinga ukuba isihloko, *Ndiyindoda*, sithetha ntoni? Yintoni ekwenza ube nebhongo ngesiqu sakho? Amantombazana angathini ukubonisa ukuba anebhongo ngeziqu zawo?



No one sees my hands work, because I have feather fingers. These fingers of mine can lift a wallet from your back pocket so lightly, so quickly, that you will not feel even a tiny tug. I can unclip a watch so fast while you are bending down to light my cigarette that you will never remember the touch of my hand. And I know exactly where you have zipped your cellphone. It calls to me from that secret pocket in your bag ... I can hear it from across the taxi rank.

I saw the woman by the entrance to the wholesalers. She had a small girl with her, clinging to her skirt. I watched her take out a bundle of money knotted into a dirty piece of cloth. She counted the notes and coins secretly, keeping them close to her body. She frowned and tucked the money into a hidden pocket in her skirt. She swung the child onto her hip and entered the shop.

Ndajika nje ndathubeleza. Kodwa isihlewele sandicinezela kumacala onke ngoko ke ndathandabuza. Intombazanana yancuma yafihla ubuso bayo egxalabeni likanina, inentloni. Ingaba luncumo lwayo olwandenza ndamelwa yingqondo? Ingaba eso sisizathu esenza ndathatha elo thuba?

Ndiphuncuka qho. Ndiqala ndicothoze ukuze ndingatsali amehlo ndize emva koko, xa sendimgama, ndibaleke. Ndiithubeleza ngaphakathi nangaphandle kwesihlewele, intliziyo ingongoza – ndinyamalale. Kodwa kwesi sikhandlo andikwazanga. Ndaye ndahlala; ndalandela umkhondo wenkosikazi evenkileni, ndayijonga xa iphakamisa ingxowa yomgubo wombona iyifaka etrolini, ndayijonga ibuyisela ioyile yokupheka eshelufini. Ndayibona ithatha isepha encinane eluhlaza kunye nengxowana ycembotyi ezomisiweyo. Ndaphinda ndayijonga isiya ethilini.

Ndandiyazi kakuhle into eza kwenzeka.

If you think I'm going to tell you how to live your life, you are wrong. Just wait until you know me a bit better and you'll see that I'm not that kind of guy. You mustn't take any life lessons from me. All I'm going to do is tell you what happened and then you must work things out for yourself.

Ukuba ucinga ukuba ndiza kukuxelela indlela omawuphile ngayo ubomi bakho, uyaphazama. Linda nje kuphela ude undazi bhetelana ukuze ubone ukuba andilulo olo hlobo lwendoda. Maze ungafundi naziphi na izifundo ezimalunga nobomi kum. Into endiza kuyenza inye kuphela kukukuxelela okwenzekileyo ukuze wena uzibonele ukuba wenza ntoni.

I ducked and disappeared into the crowd.

I walked slowly so I didn't attract attention and then I ran. Man, I ran! I felt as if my feet had wings. My heart was pounding with a new feeling. I have never felt such happiness. I punched the air with my fist.

I am THE MAN!

Ndaphepha ndanyamalala phakathi kwesihlewele. Ndacothoza ukuze ndingatsali amehlo abantu ndaze ndabaleka. Hayi ke, ndabaleka! Iinyawo zam zazivakala ngathi zinamaphiko. Intliziyo ingongoza ngenxa yovakalelo olutsha. Zange ndakhe ndaba nalo olunjalo uvuyo. Ndandibetha umoya ngenqindi lam.

Mna NDIYINDODA!

Akukho mntu ubona izandla zam zisebenza, kuba ndineminywe yecentsiba. Le minwe yam ikwazi ukuphakamisa isipaji esisepokothweni yakho engasemva lula kakhulu, ngokukhawuleza okukhulu, kangangokuba akukho nokutsalwa okuncinane oza kuquva. Ndiyakwazi ukukhulula iwotshi ngokukhawuleza kangangokuba xa usagobile ulayita isigarethi, akunakukhumbula nesandla sam esikhe sakuchukumisa. Kanti ndiyazi ncam nendawo oyiziphile kuyo iselula yakho. Indibiza ikuloo pokotho eyimfihlelo yesingxobo sakho ... ndiyiva nokuba sele ingaphesheya kwesikhululo setekisi.


Nadobona inkosikazi esangweni likab hazabhaza wevenkile. Yayihamba nentombazazana yayo, eyayiyibambe ngesiketi. Ndayibukela ikhupha isiqhuma semali ebighinelwe kwilaphu elimdaka. Yabala imali engamaphapha nezinkozo iyifihla, iyisondeza emzimbeni wayo. Yafinga iintshiyi yaghusheka imali epokothweni ehlilekileyo yesiketi sayo. Nantso ijwiza umntwana phezu kwehleza layo yaze yangena evenkileni.

I turned to slip away. But the crowd was pressing around me, so I hesitated. The little girl smiled and buried her face shyly in her mother's shoulder. Was it her smile that made me lose my head? Was that why I took such a chance?

I get away every time. I walk slowly at first so as not to attract attention and then, when I have gained enough distance, I run. I weave in and out of the crowds, my heart pounding – I disappear. But this time I didn't. I stayed; trailing the woman in the shop, watching her as she lifted the bag of mealie meal into her trolley, watching as she put the cooking oil back on the shelf. I saw her pick up a small bar of green soap and a bag of dried beans. I watched as she went up to the till.

I knew exactly what was going to happen.







I can't remember what he was wearing ... no distinguishing marks or features. I think he went ... that way." And you would point, but you wouldn't be certain.

Kwakukusasa ngoMgqibelo wokuphela kwenyanga: usuku olukulungele kakhulu ukukhuthuza. Ndikwazi kakuhle ukuduka phakathi kwezihlewe ezitratweni kunaye nabani na omnye umntu. Ndikhangeleka ndimncinane kunomntu oneminyaka elishumi elinesithathu kanti nobuso bam akunakubukhumbula xa kunokufuneka ukuba unike ingxelo emapoliseni. "Yinkwenkwe encinane, Mphathi," uya kutsho njalo. "Inwele zimfutshane, amehlo antsundu ndicinga njalo ... eh ... andisakhumbuli ukuba ibinxibe ntoni ... ayinazindawo eziphawulekayo okanye iimpawu. Ndicinga ukuba ibheke ... kweliya cala." Xa kunjalo uza kwalatha, kodwa uza kube ungaqinisekanga.

It was a Saturday morning and month-end: the best day for picking pockets. I can get lost in the crowd better than anyone else on the streets. I am small for thirteen and you would not remember my face if you had to report me to the police. "Just a small boy, Officer," you would say. "Short hair, brown eyes I think ... um ...



Yakhala ngomothuko kwaye ndayibona ixhalabile izandla zayo zikhangelela ezipokothweni zayo ziphinda-iphinda. Umhlawulisi zange azikhathaze. Wasuka wacinezela iqhosha elisezantsi kwethili yakhe wabiza umphathi, ebonakala ebusweni ukuba udlkiwe.

Umphathi weza wathetha nenkosikazi, izandla zakhe zibambelele esinqeni. Ubuso bakhe babungathi ludonga olungabhalwanga nto. Abantu abaninzi basondela kule nkosikazi beyijongile. Ndanyubeleza njengenyoka ndaya kuma ecaleni kwayo. Ngephanyazo ndenza iintshukumo ezimbini. Ngesandla esinye ndafaka isiqhuma semali kwinqindi lentombazanana ndaze ngesinye isandla ndayitsweba emlenzeni. Kakhulu. Yathi xa ikhala unina wajika wayijonga.



The manager stood talking to her, his hands on his hips. His face was like a blank wall.

Lots of people were crowding round to look at the woman. I moved like a snake and slipped in beside her. I made two quick movements. With one hand I slipped the bundle of money into the little girl's fist and with the other I pinched her leg. Hard. She cried out and her mother turned to her.



She cried out in shock and I could see her panic as her hands hunted through her pockets again and again. The cashier didn't care. He pushed a button under his till to call the manager, a bored look on his face.





Iindaba zakwaNal'ibali

Nal'ibali News

(Liqhubekela lisuka kwiphepha 4)
(Continued from page 4)



3.

Ngubani olawula ezi kona zokufunda yonke imihla?

Kuzo zonke izibhedlela, iikona zokufunda zilawulwa ngabasebenzi besibhedlela, iingcali zokunyanga intetho nabongikazi bevolontiya ukufundela abantwana. Isibhedlela iWentworth size nesindululo sokuza namavolontiya asekuhlaleni ukuzokubandakanya abantwana ekufundeni okonwabisayo namaxesha okubalisa amabali. Kukho imingeni eqhubekayo. Omnye kukugcina iincwadi kwiikona zokufunda. Ezinye izibhedlela zibeka isitampu kwiincwadi ukunqanda ukuba zingasuswa ewadini xa abantwana begoduka, kodwa oku kusenokwenzeka. Omnye umngeni kukuqinisekisa ukuba iincwadi ziyagcwaliswa kwakhona rhoqo.



Njengokuphela komntu kaNal'ibali eKZN, ngumngeni ukugcina iikona zokufunda zesibhedlela, kodwa uSibongiseni uyakwenza oko!

As the only Nal'ibali person in KZN, it's a challenge to maintain the hospital reading corners, but Sibongiseni does it!

3.

Who manages these reading corners every day?

In all the hospitals, the reading corners are managed by the hospital staff, with speech therapists and nurses volunteering to read to the children. Wentworth Hospital has proposed bringing in local volunteers to engage children in fun reading and storytelling sessions. There are some other ongoing challenges. One is maintaining the books in the reading corners. Some hospitals stamp the books to prevent them from being taken out of the ward when children are discharged, but this can still happen. Another challenge is making sure the books are replenished regularly.

4.

Yathini impendulo yabazali, abongikazi nabasebenzi besibhedlela?

Ndafumana iimpindulo ezixubileyo kubantu abadala. Abanye zange bayiqonde ingcamango baze ababi namdla. Nangona kunjalo, xa ndandityelele isibhedlela iWentworth. omnye umntwana wayesoloko ekhetha incwadi ethile ngetyeli ngalinye ebuyela kwikona yokufunda. Umama wakhe wamangaliseka ukuba unyana wakhe wayeyonwabela kangaka waza waqalisa ukutyelela ikona yokufunda naye ukuba afunde naye. Ngoko ke utshintsho kwindlela yokucinga lunokwenzeka. Ngelixa abanye abongikazi babechulumancile yaye bencedisa ukulungisa iindawo zokufunda, ugxininiso lwabo lusekongeni izigulane, hayi ukufunda.



Umsebenzi wesibhedlela ufundela umntwana osisigulane.

A hospital staff member reads to child patient.

4.

What was the response of parents, nurses and hospital staff?

I got mixed responses from the adults. Some parents didn't understand the idea and weren't interested. However, when I visited Wentworth Hospital, one child picked a particular book each time he came back to the reading corner. His mother was amazed that her son enjoyed it so much and started visiting the reading corner with him to read with him. So, a change in attitude is possible. While some of the nurses were excited and helped set up the reading spaces, their focus is on treating patients, not reading.

5.

Uziva njani xa ucinga ngempumelelo yeekona zokufunda ezibhedlela?

Xa ndicinga ngempumelelo yeekona zokufunda ezibhedlela, ndiziva ndizalisekile ndaye ndinombulelo. Kuba ndandikhe ndasesibhedlela ixesha elide ngoku ndandisengumntwana. ndiyazi indlela ekusithukuthezi nolilolo ngayo. Kungeso sizathu ndasungula iphulo lika **#LeaveNoChildBehind**. Wonke umntwana esibhedlela akafanelwanga nje yibhedi namayeza kuphela. Ufanelwe lulonwabo, ukukhuthazwa nento amakaphilele yona. Iphulo lika **#LeaveNoChildBehind** lijonge ukuqinisekisa ukuba wonke umntwana uyaxhaswa. Bekusonwabisa kakhulu ukubona abantu abadala bezibandakanya ngokufunda nabantwana babo.

Ewe, yinxalenye yomsebenzi wam, kodwa ngaphezu kwento yonke, imalunga nokubuyisela ekuhlaleni. Iincwadi nokufunda zinganika indlela yokuphuncula kubantwana abagulayo. Zibanceda baqonde ukugula kwabo, bajongane neemvakalelo zabo baze mhlawumbi baqalise ukuphila.



Inkxaso yabasebenzi besibhedlela ithetha ukuba akukho mntwana ushiywa ngasemva.

Support from hospital staff means no child is left behind.

5.

How does it make you feel when you think about the success of the hospital reading corners?

When I think about the success of the hospital reading corners, I feel fulfilled and grateful. Having been in hospital for a long time when I was a child, I know how lonely and isolating it can be. That's why I started the **#LeaveNoChildBehind** initiative. Every child in the hospital deserves more than just a bed and treatment. They deserve joy, stimulation and something to look forward to. **#LeaveNoChildBehind** aims to ensure that every child is supported. It has been truly heartwarming to see adults get involved by reading with their kids.

Yes, it's part of my job, but more than anything, it's about giving back to the community. Books and reading can provide an escape for sick children. They help them understand their illness, work through their emotions and even begin to heal.





Indifanele kakuhle

NguA. le Roux ■ Imizobo nguBrice Reigner



UMvundla uma bhunxe. Phambi kwakhe kuthe thabalala idlelo elinemithi nengca kwakunye nengca nemithi. Indledlana ihamba phakathi kwengca nemithi. UMvundla kufuneka alandele indledlana ukukhangela ikhaya elitsha.

UMvundla usezela umoya. Umoya uphakamisa idyasi yakhe aze amabhovu akhe adikizele.



Njengoko uMvundla aqalisa ukubaleka endleleni, ubona usiba lwencanda. Uyalujonga umzuzwana, agobe ukuluqwalasela ngenyameko, aze athi, "Lundifanele kakuhle." Etshilo, uyaluchola alufake engxoweni yakhe.

Eqhubekeka endleleni, uMvundla uhlangana nesikhonkwane sikaloliwe kumzila kaloliwe. Uyasijonga umzuzwana, agobe asiqwalasela ngenyameko, aze athi, "Sindifanele kakuhle." Etshilo, uyasichola aze asifake engxoweni yakhe.

Uhambo lukaMvundla luyaqhubekeka edleleni ade afike kufudwazana elele endleleni yakhe. Uyamjonga umzuzwana, agobe ukumqwalasela ngenyameko, aze athi, "Undifanele kakuhle." Etshilo uyamthatha aze amfake engxoweni yakhe.

Kufutshane nesisuku semithi, uMvundla umangalisiwe kakhulu kukudibana nompu wokuzingela. Uyawujonga okomzuzwana, agobe ukuwuqwalasela, aze athi, "Undifanele kakuhle." Etshilo, uyawuchola aze awufake engxoweni yakhe.

Ekugqibeleni uMvundla ubona umzi mgama. Uyasondela, asezele umoya aze, amabhovu edikizela, uyankqonkqoza aze akhwaze, "Ukhona umntu ekhaya?" Indlu ikhangeleka ingenanto, ngoko ke uMvundla uyangena, avale ucango alutshixhe engaphakathi.

Njengoko uMvundla ezinza kwindlu yakhe entsha, uva ukugoqoza nomgqumo uvela ngasemnyango. "Ngubani osendlwini yam?" kutsho ilizwi ngaphandle.

UMvundla uyachwechwa asondele aze akrobe ngothanda oluselucangweni. Ubona ingonyama enkulu eyoyikekayo. UMvundla uphendula ngokukhawuleza, "Ngonyama, awundazi mna. Ndilelona rhamncwa likhulu loyikekayo elakha lakho yaye le ndlu ngoku yeyam. Ndiyifumene ingenanto ndaza ndayibanga."

Esakuva oku uNgonyama ugquma ngowona mgqumo woyikekayo kangangokuba zonke izilwanyana ziyasakaka edleleni zize zonke iintaka zibhabhe zimke emithini.

"Ndingukumkani weli dlelo!" ugquma ngomsindo uNgonyama. "Akakho omkhulu nowoyikeka ngaphezu kwam. Andinawo owona mgqumo mkhulu nezona nzipho zibukhali?"

UMvundla, okrelekrele kakhulu, ucinga ngale nto umzuzwana phambi kokuba aphenidule. "Masenze iimvavanyo ukubona uba ngubani elona rhamncwa likhulu. Elona rhamncwa

likhulu liza kufumana le ndlu. Ngoku, tyhala unwele lwakho olunye phantsi kocango ndizokulubona nam ndiza kwenjenjalo. Ngalo ndlela ke uya kubona ukuba ndilelona rhamncwa likhulu," utsho uMvundla.

UNgonyama uqinisekile ukuba oku kuza kuba lula. Uncothula unwele kwisikhumba sakhe esimfoku aze alutyhale phantsi kocango logama uMvundla afaka usiba lwencanda phantsi kocango. UNgonyama ufumana uloyiko olukhulu aze anikine intloko.

"Ndicinga ukuba ndiyaluphumelela olu vavanyo," utsho uMvundla. "Ngoku tyhala olunye uzwane lwakho phantsi kocango ndize ndibone ukuba zibukhali kangakanani na iinzipho zakho."

UNgonyama uqinisekile ukuba oku kuza kuba lula. Utyhala olunye uzwane lwakhe phantsi kocango logama uMvundla atyhala isikhonkwane sikaloliwe somzila kaloliwe phantsi kocango.

UNgonyama ufumana uloyiko olukhulu aze anikine intloko kwakhona.

"Ndicinga ukuba ndiyaluphumelela nolu uvavanyo," atsho uMvundla. "Ngoku tyhala ikhalane lakho elinye phantsi kocango yaye nam ndiza kwenjenjalo."

UNgonyama uqinisekile ukuba oku kuza kuba lula. Uthatha ikhalane esikhumbeni sakhe aze alifake phantsi kocango kanye ngeli xesha uMvundla afaka ufudwazana phantsi kocango.

UNgonyama ufumana uloyiko olukhulu aze anikine intloko kwakhona.

"Kuvavanyo lokugqibela elowo uza kugquma owona mgqumo woyikekayo. Njengoko sendiziphumelele zonke iimvavanyo kude kube ngoku, ndiza kukuvumela kuqale wena," utsho uMvundla.

UNgonyama utsala umoya kakhulu, athinte isikhohlela aze enze owona mgqumo mkhulu wakha woyikeka, kodwa uMvundla ukhupha umpu wokuzingela aze adubule emoyeni.

Umgqumo wenza intlokomla idlelo lonke, utsho uNgonyama afumane olungakanani lona uloyiko aze aphethuke abaleke, abaleke ade anyamalale mgama aze uMvundla angabisaphindi ambone.



Leyo yaba yindlela uMvundla ayifumana ngayo indlu emfanele kakuhle. Yaye kungeso sizathu uNgonyama walahlekelwa yindlu yakhe kwanokuba abe akakawuthandi umgqumo wompu wokuzingela nangoku.

Yenza ibali linike umdla!

- Njengoko uNgonyama ebaleka esimka, unomfanekiso ngqondweni wenkangeleko yerhamncwa elisendlwini yakhe. Zoba inkangeleko yerhamncwa uNgonyama anomfanekiso ngqondweni yalo.
- Sebenzisa udongwe okanye intlama yokudlala ukwenza imodeli yengonyama nomvundla.

- Bhala isigxeko-ncomo sebali. Quka isishwankathelo esifutshane uxele ukuba kutheni ungalicebisa okanye ungalicebisi kwabanye abafundi abangangawe okanye abancinane kunawe.



Drive your
imagination



It suits me just fine

By A. le Roux ■ Illustrations by Brice Reignier



Hare stands still. Before him lies the veld with trees and grass and grass and trees. A path runs through the grass and trees. Hare must follow the path in search of a new home.

Hare sniffs the air. The wind lifts his coat, and his whiskers twitch.



As Hare starts running along the path, he sees a porcupine quill. He looks at it for a moment, bends down to look at it more carefully, then says, "It suits me just fine." With that, he picks it up and puts it in his bag.

Further along the path, Hare comes across a railway spike from a train track. He looks at it for a moment, bends down to look at it more carefully, then says, "It suits me just fine." With that, he picks it up and puts it in his bag.

Hare's journey continues through the veld until he comes across a tortoise lying in his path. He looks at it for a moment, bends down to look at it more carefully, then says, "It suits me just fine." With that, he picks it up and puts it in his bag.

Near a clump of trees, Hare is very surprised to come across a hunting rifle. He looks at it for a moment, bends down to look at it more carefully, then says, "It suits me just fine." With that, he picks it up and puts it in his bag.

Finally, Hare sees a house in the distance. He walks closer, sniffs the air and, with whiskers twitching, he knocks and calls out, "Anyone home?" The house looks empty, so Hare walks in, closes the door and bolts it behind him.

As Hare is settling into his new house, he hears a rattle and a roar from the door. "Who is in my house?" a voice says from outside.

Hare tiptoes closer and peeps through a crack in the door. He sees a huge, fierce lion. Hare quickly answers, "Lion, you don't know me. I am the biggest monster ever, and this house is now my house. I found it quite empty and claimed it."

On hearing this, Lion roars such a fierce roar that all the animals scatter from the veld and all the birds fly from the trees.

"I am the King of this veld!" roars Lion angrily. "There is no one who is bigger and more fearsome than I am. Don't I have the loudest roar and the sharpest claws?"

Hare, who is very clever, thinks about this for a moment before replying.

"Let's do some tests to see who the biggest monster is. The biggest monster will have this house. Now, push one of your hairs under the door for me to see and I will do the same. Then you will see that I am the biggest monster," says Hare.

Lion is sure that this is going to be easy. He plucks a hair from his tawny coat and pushes it under the door just as Hare slips the porcupine quill under the door. Lion gets a big fright and shakes his head.

"I think I win this test," says Hare. "Now stick one of your toenails under the door and let me see just how sharp your claws are."

Lion is sure that this is going to be easy. He sticks one of his toenails under the door just as Hare pushes the railway spike from a train track under the door.

Lion gets a big fright and shakes his head again.

"I think I win this test too," says Hare. "Now push one of your ticks under the door, and I will do the same."

Lion is sure this is going to be easy. He takes a tick off his coat and pushes it under the door just as Hare slips the tortoise under the door.

Lion gets a big fright and shakes his head again.

"For the final test we will each roar our most frightening roar. As I have won all the tests so far, I will let you go first," Hare says.

Lion takes a deep breath, clears his throat and roars the loudest, most frightening roar ever, but Hare pulls out the hunting rifle and shoots it into the air.

The boom echoes across the veld, and Lion gets such a fright that he turns around and runs and runs until he disappears into the distance and Hare can no longer see him.



And that is how Hare found a house that suited him just fine. And that is why Lion lost his house and why he still does not like the boom of a hunting rifle.

Get story active!

- As Lion runs away, he imagines what the monster in the house looks like. Draw what Lion imagines the monster is like.
- Use clay or play dough to make a model of a lion and a hare.

- Write a review of the story. Include a short summary and say why you would or wouldn't recommend it to other readers of your age or younger than you.

Okokuzonwabisa kwakwaNal'ibali

Nal'ibali fun



1.

a) Ungakwazi ukuthlekisa amagama asebhokisini engezantsi nomlinganiswa ngamnye kaNal'ibali?

a) Can you match the names in the box below to each of these Nal'ibali characters?



JOSH

NOODLE

NEO

BELLA

MBALI

GOGO

HOPE

PRIYA

b) Ungakwazi ukuthlekisa abalinganiswa nezithunzi zabo?

b) Can you match the correct shadow to the picture?



2.

UGogo uyakuthanda ukufunda amabali angothando!

Gogo loves reading love stories!

a) Bhala imihlathi embalwa yebali uGogo alifundayo ecaleni komfanekiso wakhe.

a) Write a few paragraphs of the story that Gogo is reading next to the picture of her.

b) Fakela imibala kumfanekiso kaGogo noNoodle.

b) Colour in the picture of Gogo and Noodle.



Blank writing area for the story.

Impendulo: 1. (a) E
Answer: 1. (a) E

AbakwaNal'ibali bakhona ukuze bakunike inkuthazo nenkxaso. Qhagamshelana nathi nangayiphi na enye kwezi ndlela zilandelayo:

Nal'ibali is here to motivate and support you. Contact us in any of these ways:



TheNalibaliChannel



nalibaliSA



@nalibaliSA



@nalibalisa



@nalibalisa



nalibalisa



The Nal'ibali Trust



+27 64 801 5496

Produced by The Nal'ibali Trust. Translation by ZabeNguni Media (Pty) Ltd. Nal'ibali character illustrations by Rico.

UMLAZI
EYETHU

POLOKWANE
OBSERVER



Drive your
imagination